URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Adam Jantjies**
ICandelo loCwangciso loKwakhiwa kweZikolo
Adam.Jantjies@westerncape.gov.za | 021 467 2895

Inombolo yefayili: 17/1/P
Isalathiso: 20230711-6412

ISetyhula: 0017/2023
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli beeNkonzo zeZiko kwiZithili, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNqununu nakooSihlalo bamaBhunga oLawulo bezikolo zikarhulumente

Isishwankathelo esifutshane: *IMigaqo yoKwenziwa koMsebenzi eMiselweyo (Standard Operating Procedure) yeeprojekthi ezinxulumene neziseko zophuhliso zebhunga lolawulo*

**Isihloko: IMigaqo yoKwenziwa koMsebenzi eMiselweyo (*Standard Operating Procedure*) yeeprojekthi ezinxulumene neziseko zophuhliso zebhunga lolawulo**

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) liqulunqe iMigaqo yoKwenziwa koMsebenzi eMiselweyo (*Standard Operating Procedure* (*SOP*)) ukuncedisa izikolo kwiiprojekthi ezinxulumene neziseko zophuhliso.

2. Injongo ye-*SOP* kukuchaza imigaqo emayilandelwe ukwenzela ulawulo lweeprojekthi ezinxulumene neziseko zophuhliso ezikolweni apho imali evela kwibhajethi yeziseko zophuhliso, iya kuhlawulwa ngoomatshini kwi-akhawunti yebhanki yesikolo.

3. I-*SOP* ichaza iinkqubo, imigaqo, nemigangatho elindelekileyo yokwenziwa komsebenzi esikolweni ukuqinisekisa impumelelo yeprojekthi. Makufundwe **isiHlomelo A** esiqhotyoshelweyo.

4. ISebe i-*WCED* liya kuyihlawula ngoomatshini imali esikolweni, yaye ibhunga lolawulo liya kuthwala uxanduva lokuyiphumeza iprojekthi ukususela ekuqaleni ukuya ekugqibeleni.

5. Nangona iprojekthi ithathwa njengokuba yiprojekthi yebhunga lolawulo, yaye iyinqununu ethathwa njengegosa elinoxanduva lokuphendula ngokuqhubekayo, ikomiti yeZakhiwo zeZikolo yeSebe i-*WCED* *(Physical Resources team*) iya kuhlala inoxanduva

njengongumnini webhajethi onokudlala indima yokongamela iiprojekthi ngokumalunga nokusetyenziswa kweemali.

6. Le *SOP* yeyokuqinisekisa ukuba zonke iinkqubo ziyazithobela iimfuno ezimiselweyo zemigaqo yeSebe i-*WCED*.

7. Abathathi-nxaxheba ababandakanyekayo ekuqhutyweni kweeprojekthi zeziseko zophuhliso ezilawulwa libhunga lolawulo baneendima nemisebenzi eyahlukileyo yaye i-*SOP* iya kuzicacisa ezi ndima nemisebenzi eyahlukileyo.

8. Okuqulethwe yi-*SOP* kumele ukujongisiswa kwakhona kunye nemigaqo esetyenziswayo kwizithili nasezikolweni qho ngonyaka.

9. Kucelwa nazise okule setyhula bonke abasebenzi namalungu ebhunga lolawulo ukuze akuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS
**INTLOKO YEZEMFUNDO**
**UMHLA:** 2023-06-26